



an agency of the
Department of Sport, Arts & Culture

Inkampani yobugeisa obuboniswayo yaKwaZulu-Natala eyabhengezwa phantsi kwesahluko 3(1) soMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1998 (uMthetho 119 wango-1998) ngomhla wo-01 kuTshazimpuzi ngowama-2003
PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa
Umnxeba: (031) 3699555, <http://www.playhousecompany.com>

IBHIDI YOKUNIKA IINKONZO ZOKUCOCA IZAKHIWO ZEPLAYHOUSE COMPANY KWISITHUBA SEMINYAKA EMITHATHU (3)

ISALATHISI: PHC 92/2026

IPlayhouse Company liziko lenkcubeko elibhengezwe phantsi kwesahluko 3(1) soMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1998 (uMthetho 119 wango-1998), kwaye eli ziko lizinze kwizakhiwo ezikwezi dilesi 231 Anton Lembede Street naku-29 Acutt Street, Durban.

Kumenywa abaniki-nkonzo abafanelekileyo nabanamava ukuba bafake iibhidi zokunika iinkonzo zokucoca izakhiwo zePlayhouse Company kwisithuba seminyaka emithathu (3), ukususela ngomhla woku-01 kuTshazimpuzi ngowama-2027 ukusa kumhla wama-31 ngeyoKwindla ngowama-2030. Ezi nkonzo ziquka ukunikwa komphathi wabacoci omnye (1) kunye nabacoci abalishumi (10) phakathi evekini, bonke benexesha eliqingqiweyo lokusebenza, kwakunye nabanye abacoci abaqeqeshiweyo abangenamaxesha aqingqiweyo okusebenza abaya kusebenza xa kukho imiboniso nemisitho naxa befuneka ePlayhouse Company.

Isishwankathelo somsebenzi: Umniki-nkonzo ochongiweyo uya kunika iinkonzo ezinabileyo zokucoca eTheatre Building, 231 Anton Lembede Street, nakwiOfisi eliKomkhulu eku-29 Acutt Street, Durban. Ezi nkonzo ziquka umsebenzi wokucoca ii-ofisi yonke imihla, iithiyetha, iindawo zokungena, iipaseji, iilifti, izindlu zangasese, amagumbi okunxibela nawokulungiselela imiboniso, iindawo ekubanjelwa kuzo imisitho, iindawo zezitepsi, iindlela zokuphuma xa kukho umlilo kunye neendawo ezizingqongileyo; ukukhupha inkunkuma; ukucoca iifestile kunye neendawo ezohlulwe ngeglesi; kwakunye neenkonzo zokucoca ngaphambi kwemisitho nemiboniso, xa iqhubeka nasemva kwayo.

Kufuneka ukuba abantu abafaka ibhidi babe nazo zonke izinto ezifunekayo ezisisinyanzelo kunye namaxwebhu abuyiswayo ezixelwe kuxwebhu lwesiniki-maxabiso eziquka ukuzimasa indibano esisinyanzelo eyenziwa kwisiza. Ayisayi kunikwa ngqalelo ibhidi yomntu osileleyo ukufaka ubungqina obufunekayo.

Amaxwebhu esiniki-maxabiso aya kufumaneka kwi-eTender Publication Portal kaNondyebo kaZwelonke nakwiwebsite yePlayhouse Company eyile <https://playhousecompany.com/tenders/> ukususela ngomhla we-09 ngeyeDwarha ngowama-2026.

Isiganeko esibalulekileyo	Umhla nexesha
Intlanganiso esisinyanzelo ebanjelwa kwisiza 231 Anton Lembede Street, Durban, 4001	16 ngeyeDwarha ngowama-2026 ngentsimbi ye-09:00
Ukuvalwa kwesiniki-maxabiso	02 ngeyeNkanga ngowama-2026 ngentsimbi ye-11:00

Isaziso malunga nentlanganiso ebalulekileyo ebanjelwa kwisiza: Inqongophele indawo yokupaka isithuthi kumbindi wedolophu eThekwini. Kufuneka abantu abafake ibhidi balucwangcise ngocoselelo uhambo lwabo nexesha abaza kufika ngalo ukuze baqinisekise ukuba bafika phambi kokuba iqale le ntlanganiso. Ukunqongophala kwendawo yokupaka isithuthi sakho akusayi kuthatyathwa njengesizathu esivakalayo sokufika emva kwexesha. **Iingcango zendawo ebanjelwe kuyo intlanganiso ziya kuvalwa entloko ngentsimbi ye-09:00, yaye abantu abafike sele kuvaliwe abasayi kuvunyelwa ukuba bangene kule ntlanganiso.**

Ukuthumela ibhidi: Kufuneka iibhidi zithunyelwe nge-elektroniki ngokuthumela i-imeyili efakwe onke amaxwebhu ayimfuneko okanye ngokuthumela ilinki ekhuselekileyo kule dilesi tenders@playhousecompany.com ngomhla we-02 kweyeNkanga ngowama-2026 ngentsimbi ye-

11:00. Le bhokisi yeposi iya kujongwa kuphela ngomhla wokuvalwa kwesiniki-maxabiso, ngexesha esivalwa ngalo. Uyacelwa ukuba ungathumeli imibuzo kule dilesi. Iibhidi ezifunyenwe emva kwexesha lokuvalwa okanye ezithunyelwe kwidilesi ekubuzwa kuyo imibuzo endaweni yale ekuthunyelwa kuyo iibhidi azisayi kwamkelwa yaye azisayi kunikwa ngqwalasela.

Imibuzo: Mnu Siya Manqele, 031 369 9507, accountant2@playhousecompany.com; uNkk Kay Khan, KayK@playhousecompany.com; okanye uMnu Athaphiwe Xaba, Buyer@playhousecompany.com, 031 369 9555.